UXhalanga lwayebhabha phezulu esibhakabhakeni.  Wayebhagha esenza amahla ndinyuke esenza nemithambo.

UXhalanga wayenomsesane wegolide. Ngelixa edlala ebhabhela phezulu, waw umsesana wegolide.

UXhalanga wagqiba ekubeni acele ezinye iintaka zimkhangelise umsesane wakhe wegolide olahlekileyo





UXhalanga wabona uSikhova wathi,
“molo Sikhova.  Ndicela undikhangelise!
Ndiphulukene nomsesana wam wegolide.”

USikhova waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela ebusuku. Amehlo am amakhulu abona ngcono xa kumnyama.”

Kwahlwa kwasebusuku, wakhangela uSikhova akawubona umsesane.

“Masicele uNgqatyana asikhangelise.”





UXhalanga noSikhova baya kucela uncedo kuNgqatyana.

“Molo, Ngqatyana. Ndicela undikhangelise! Ndiphulukene nomsesane wam wegolide.”

UNgqatyana waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela kumaphahla ezindlu.  Ndibona ngcono xa ndiphezulu phaya.”

UNgqatyana wabhabhela phezulu wakhangela, akawubona umsesane.

“Masicele noRhanisi asikhangelise.”





UXhalanga, uSikhova noNgqatyana baya kucela uncedo kuRhanisi.

"Molo, Rhanisi.  Ndicela undikhangelise! Ndiphulukene nomsesane wam wegolide."

URhanisi waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela edamini. Ndibona ngcono xa ndiphantsi kwamanzi.”

URhanisi wantywila wakhangela, akawubona umsesane.

“Masicele noSinqolamthi asikhangelise.”





UXhalanga, uSikhova, uNgqatyana noRhanisi baya kucela uncedo kuSinqolamthi.

“Molo, Sinqolamthi.  Ndicela undikhangelise!  Ndiphulukene nomsesane wam wegolide.”

USinqolamthi waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela kwiziphumpu zemithi.  Ndibona ngcono xa ndimana ukunqola ndixobule amaxolo ndikhangele ngaphakathi.”

USinqolamthi waxobula wanqola wakhangela,  akawubona umsesane.

“Masicele noSikhwenene asikhangelise.”





UXhalanga, uSikhova, uNgqatyana, uRhanisi noSinqolamthi baya kucela uncedo kuSikhwenene.

“Molo, Sikhwenene. Ndicela undikhangelise! Ndiphulukene nomsesane wam wegolide.”

USikhwenene waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela kwiikhabhathi zabamninimzi ezindlini. Ndibona ngcono kwindawo endihlala kuyo.”

USikhwenene wabhabha wangena endlwini wakhangela, akawubona umsesane.

“Masicele noNkwali asikhangelise.”





UXhalanga, uSikhova, uNgqatyana uRhanisi, uSinqolamthi noSikhwenene baya kucela uncedo kuNkwali.

“Molo, Nkwali.  Ndicela undikhangelise! Ndiphulukene nomsesane wam wegolide.”

UNkwali waphendula wathi, “ndiza kukuncedisa ngokukhangela yonke indawo emhlabeni.  Ndibona ngcono xa ndisomba umhlabla.  Ndiza kujonga kwintsimi yamakhaphetshu.”





UNkwali womba, esomba apha naphaya wakhangela, akawubona umsesane.

UNkwali wacinga, inokuba umsesane uwele kude. Waphinda waqhubeka nokomba umganyana.

“Jonga Xhalanga, ndiwufumene umsesane wakho.” Watsho uNkwali exhumaxhuma luvuyo.

UXhalanga wawamkela umsesane egcobile.

“Ndiyavuya uwufumene umsesane wam.  Ngoku lixesha lokuba sose inyama sibhiyoze.  Ndiyanimema nonke nina nindincedise ukukhangela umsesane wam wegolide.

Maz’ enethole!  Ningadinwa nangomso.

